



It starts with a story...

## Get your children writing

**As parents we know that literacy is important. And so, a growing number of us read regularly to our children. But there is another part to developing their literacy, namely writing.**

We don't only use writing to pass exams and get a job. It is something that we use every day in different ways to get things done and to communicate with others.

Writing is like many crafts – the more you do it, the better you become at it and so the easier you find it! As parents and caregivers we have a special role to play in developing our children's writing. It is not our job to teach our children to write. Our job is to encourage them to use writing in their daily lives as much as possible. Here are some of the different ways that you can do this.

- Make sure that you have a supply of paper, crayons, pens and pencils at home. Keep them in a place that is easy for your children to reach on their own so that they can draw and write whenever they choose to do so.
- Drawing is often children's first step towards writing. Show an interest in their drawings by making encouraging comments and asking them about their pictures, for example: "That looks like an interesting house to live in. Who lives there?"
- Give your children opportunities to use writing to organise their lives. For example, let them write lists – a shopping list, a list of things that need to be taken to school tomorrow, a guest list for a birthday party. Don't worry about spelling. Learning to spell correctly comes with lots of writing practice. If you can't read something on the list, ask them to read it for you!
- Find opportunities for your children to use writing to communicate with others. Let them: write their names on greeting cards, write thank-you notes, write messages to family members at home and write emails or letters to friends and family who live further away.
- Encourage your children to keep journals in which they can write about anything they like: their feelings, things that happened at home and school and/or things they want to remember. Respect your children's privacy and only read their journals with their permission.

**For more tips and ideas on encouraging children to write, go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)**

## Yenza abantwana bakho babhale

**Njengabazali siyazi ukuba ibalulekile kangakanani na ilitheresi. Ngoko ke, liyanda inani labantu abafundela abantwana rhoqo phakathi kwethu. Kodwa likho nelinye icala kuphuhliso lwelitheresi, elo ke kukubhala.**

Ukubhala asikusebenzisi nje kuphela ekuphumeleleni imviwo, ukuze sifumane umsebenzi. Yinto esiyisebenzisa mihla le ngeendlela ezininzi ezohlukileyo ukuphumeza izinto ezithile kwanokunxibelelana nabanye abantu ngayo.

Ukubhala kufana neentlobo ezininzi zomsebenzi wobugcisa – okukona ukusebenzisa kakhulu, kokukona ugqwesayo kuko kwaye kokukona kusiba lula nokukwenza! Njengabazali neempelesi sinendima ekhethekileyo ekuphuhliseni ukubhala kwabantwana bethu. Ayingomsebenzi wethu ukufundisa abantwana bethu ukubhala. Owethu umsebenzi kukubakhuthaza ukuba bakusebenzise ukubhala kakhulu kangangoko banakho kubomi babo bemihla ngemihla. Nazi ezinye zeendlela ezahlukileyo onokwenza ngazo oko.

- Qinisekisa ukuba unamaphepha, iikhrayoni, iipeni neepensile ezoneleyo ekhaya. Ezi zinto zigcine endaweni ekulula ukuba abantwana bakho bafikelele kuyo ngokunokwabo ukuze bakwazi ukuzoba nokubhala nanini na xa befuna ukwenza oko.
- Ukuzoba kusoloko kulinyathelo lokuqala labantwana elikhokelela ekubhaleni. Bonakalisa umdla kwimizobo yabo ngokwenza amagqabantshintshi enkuthazo nokubabuza ngemifanekiso leyo yabo, umzekelo: "Le yakhangeleka njengendlu entle umntu anokuhlala kuyo. Ngubani ohlala kuyo?"
- Nika abantwana bakho amathuba okusebenzisa ukubhala xa becwangcisa izinto-yinto kubomi babo. Umzekelo, bavumele babhale uluhlu - lwezinto eziza kuthengwa, lwezinto ekufuneka baziphathe esikolweni ngengomso, lweendwendwe ezimenywe kwitheko lesikhumbuzo sokuzalwa. Musa ukuzikhathaza ngendlela abapela ngayo. Ukufunda ukupela ngokuchanekileyo kwenzeka xa beziqhelisa ukubhala amaxesha amaninzi. Ukuba kuye kwakho into ongakwaziyo ukuyifunda kuluhlu lwabo, bacele bakufundele yona!
- Funa amathuba okuba abantwana bakho basebenzise ukubhala ukuze banxibelelane nabanye. Bavumele ukuba babhale amagama abo kumakhadi emibuliso, babhlale imiyalezwana emifutshane yemibulelo, babhale imiyalezo eya kumalungu eentsapho emakhaya kwaye babhale nee-imeyile okanye iileta eziya kubahlobo babo nakumalungu eentsapho ahlala kude.
- Khuthaza abantwana bakho bagcine iijenali apho babhala nantoni na abayithandayo: iimvakalelo zabo, izinto ezenzeke kumakhaya abo nasesikolweni kwakunye ne-/okanye izinto abafuna ukuzikhumbula. Hlonela ubomi babantwana bakho babucala uze ufunde iijenali zabo kuphela xa bathe bakunika imvume yokwenza oko.

**Ukuze ufumane iingcebiso neengcinga ezingaphezulu zokukhuthaza abantwana ukuba babhale, yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)**



Drive your  
imagination

Read to me. In my language.  
Ndifundele. Ngolwimi lwam.







# Story stars

## Donating by drawing

Mieke van der Merwe is an art student at the University of Stellenbosch who illustrated some of the Nal'ibali stories on our website! We spoke to her to find out what she thinks about books and illustrating.

### Who read to you when you were a child?

My dad really spoiled me! He read to me before I went to bed every night until I was about 12 years old. He also used to take me and my brother to the library every week to pick out books.

### What was the first story you ever illustrated?

I have loved illustrating for as long as I can remember. I started going to art classes at the age of four. In Grade 4, I wrote and illustrated my first story about a baby who escaped from his cot to explore the big world!

### What children's books do you still enjoy?

I love all Roald Dahl's books, but my favourite is *The BFG*. As a child, it fascinated me how giants caught children's dreams in jars and I often imagined that they might come into my room while I was asleep!

### What made you decide to do illustrations for Nal'ibali?

I was doing research on the Internet and I came across the Nal'ibali website. I fell in love with Nal'ibali and knew that I wanted to become involved. I love that there are stories in different languages so children can read the story in their own language. It's also great how you can find stories in places other than a library – Nal'ibali brings them to you in the newspaper and on the radio, Internet and your cellphone!

### Finish these sentences:

#### Reading for enjoyment ...

... stimulates your imagination and broadens your vocabulary.

#### If I was a storybook character, I would be ...

... Liewe Heksie. I love how she can't really do magic even though she is a witch and how she always gets into trouble without even knowing it.



Mieke van der Merwe



Some of Mieke's illustrations  
Eminye yemifanekiso kaMieke



# Iimbilasane zamabali

## Ukunikezela ngesisa ngokuzoba

UMieke van der Merwe, ozobe eminye yemifanekiso yamabali akwaNal'ibali kwiwebhusayithi yethu, ngumfundi kwezobugcisa kwiyunivesithi yaseStellenbosch! Sikhe sancokola naye ngeenjongo zokufumanisa ukuba ucinga ntoni na ngeencwadi kunye nokuzoba.

### Ngubani owayekufundela xa wawusengumntwana?

Utata wam wayenditefisa ngokwenene! Wayendifundela rhoqo ngokuhlwa phambi kokuba ndilale ndade ndaneminyaka eli-12. Kananjalo wayedla ngokusisa nomntakwethu kwithala leencwadi vekhi neveki ukuze sizikhethele iincwadi esizifunayo.

### Lithini ibali elokuqala ngqa owalizobelayo?

Kudala kakhulu ndakuthanda ukuzoba. Ndaqala ukuya kwiiklasi zobugcisa ndiseneminyaka emine kuphela. KwiBanga lesi-4, ndabhala ndaze ndazobela ibali lam lokuqala elalimalunga nosana olwaghwesha kwibhedana yalo ukuze likhenkethe lonke ihlabathi!

### Zithini iincwadi zabantwana osazonwabela nangoku?

Ndizithanda zonke iincwadi zikaRoald Dahl, kodwa eyona ndiyithanda kunazo zonke yesihloko sithi, *The BFG*. Ebuntwaneni bam, yayisenza umdla kakhulu indlela izigebenga ezaziwabamba ngayo amaphupha abantwana ziwafake ejagini kwaye ndandisoloko ndinomfanekiso-ntelekelelo wokuba zingangena nakwelam igumbi lo gama ndileleyo!

### Yintoni eyakwenza wathatha isigqibo sokwenzela uNal'ibali imifanekiso?

Ndandisenza uphando kumnathazwe ukubhaqa kwam iwebhusayithi yakwaNal'ibali. Ndamthanda kwa oko uNal'ibali kwaye ndazixelela ukuba ndifuna ukuba yinxalenye yakhe nam. Ndiyayithanda into yokuba kubekho amabali angeelwimi ezahlukileyo ukuze bonke abantwana babenakho ukuwafunda ngeelwimi zabo zeenkobe. Kananjalo ndiyayithanda into yokuba kubekho enye indlela ongefumana ngayo amabali ungandwendwelanga ithala leencwadi – uNal'ibali ukuzisela ona ngokwamaphephandaba kunye nonomathotholo, ngokomnathazwe kunye nangeselula yakho!

### Gqibezela esi sivakalisi:

#### Ukufundela ukuzonwabisa ...

... kuvuselela imifanekiso-ntelekelelo kutyebise nesigama sakho.

#### Ukuba bendingumlinganiswa kwincwadi yamabali, bendiya kuba ngu ...

... Liewe Heksie. Ndiyayithanda indlela angakwazi ngayo ukwenza imilingo nangona eligqwirhakazi kwanendlela asoloko ezifumana esengxakini ngayo kodwa yena engaqondanga.



## Send us your reading moments and WIN!

Whether it's a photo of your child enjoying a bedtime story or a picture of them reading their first book, send us your children's reading moments to inspire others to create reading moments with their children too. Simply email your reading moment picture to [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), or share it on Twitter using the hashtag #ReadingMoments. If selected, your photo will appear on the Nal'ibali Facebook page, and you will receive a book to enjoy with your children, as well as a Nal'ibali T-shirt!

## Sithumelele amaxeshana okufunda akho uze UPHUMELELE!

Nokuba yifoto yomntwana wakho esonwabela ibali laphambi kokuba alale okanye umfanekiso wabo befunda incwadi yabo yokuqala, sithumelele amaxeshana okufunda omntwana wakho ukuze avuselele abanye benze awabo amaxeshana okufunda nabantwana babo. Thumela nge-imeyili umfanekiso wamaxesha akho okufunda kule dilesi: [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), okanye wabelane nabanye ngawo ku-Twitter usebenzisa i-hashtag #Reading Moments. Ukuba ukhethiwe, umfanekiso wakho uya kupapashwa kuFacebook wethu wakwaNal'ibali, kwaye uya kufumana incwadi onokuyonwabela nabantwana bakho kwakunye nesikipa seNal'ibali!



### Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





“Ibingendim.”

isango engalivalanga!”

ibhitruthi kunye nespinatshi sam. Kukho umntu oshiy

ikhohlilawa yam kunye neemboty! zam, ziyey yonke

iminqathe yam, ikhaphetshu yam,

“Zibhokhwe! Ziyitye yonke

kwenzeke ntoni apha?”

“Owu Nkosi yam, Charlene ....



“It wasn't me.”

Someone left the gate open!”


my cauliflower and beans, beetroot and spinach too.

“The goats! They ate up all my carrots and cabbages,

“Oh my goodness, Charlene ... what happened here?”

Fold

“It wasn't me.”



It wasn't me



Ibingendim

Glynis Clacherty  
Tasia Rosser


HEARTLINES



### HEARTLINES

For copies of *Heartlines' Stories that Talk* (in all 11 languages), and *Stories that Talk 2* (English only) please email [orders@heartlines.org.za](mailto:orders@heartlines.org.za) or phone (011) 771 2540.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Fold



“You boys, you make me crazy! Go to your room!”  
 “It wasn’t us, Ouma.”  
 “Nina makwedi ni, niyandicaphukisa! Hambani niye  
 kwigumbi lenu!”  
 “Kodwa ibingesithi, Makhulu.”



“I need tomatoes, Ouma – for bredie,” said Ma.  
 “No tomatoes! The goats ate them up and my carrots  
 and cabbages, my cauliflower and beans, beetroot  
 and spinach too. Someone left the gate open!”  
 “It wasn’t me.”  
 Ndituna itumata, Makhulu, ndiza kupheka isityu,  
 utshilo uMama.  
 “Azikho itumata! Ibhokhwe zizityi zonke kunye  
 neminqathe yam, ikhaphetshu yam, ikhohlawa yam  
 kunye neemboty! zam, zitye ibhitruthi yam kunye  
 nesipinatshi sam. Kukho umntu othile oshye  
 isango lingavalwanga!”  
 “Ibngndim.”



“Don’t open the gate to my garden, Lily!” Ouma  
 always said. “The goats will get in and eat up all my  
 carrots and cabbages and cauliflower and beans; all  
 my beetroot, tomatoes and spinach too. Don’t open  
 the gate to my garden whatever you do.”



Fold

Fold





“Oh Lily bird! Lies are wrong. They make everyone sad. But in the end you told the truth. I’m glad you did. You will have to help me plant some new carrots and cabbages and some cauliflower, beans and beetroot, and tomatoes and spinach too.”

And that’s what Lily and Ouma did ... the very next day!

“Owu nontakazana onguLily! Ukuxoka akulunganga. Kwenza wonke umntu azive elusizi. Kodwa ke ekugqibeleni uyithethile inyaniso. Ndiyavuya wenze njalo. Kuza kufuneka ke undincedise, sityale eminye iminqathe, ikhaphetshu kunye nekholidlawwa, sityale ezinye iimbotyi kunye neebhitruthi, sityale enye itumata kunye nespinatshi.”

Benza njalo kanye ke uLily noMakhulu ... kwangosuku olulandelayo!

“AAAAAA! Iibhokhwe ziyitye yonke iminqathe yam, ikhaphetshu, ikholiflawwa kunye neembotyi zam, ziyityile ibhitruthi, itumata kunye nespinatshi sam. Ngubani ovule isango elingena esityeni sam?”



“AAAAAA! The goats have eaten up my carrots; they’ve eaten my cabbages and cauliflower and beans, my beetroot, tomatoes and spinach too. Who opened the gate to my garden?” asked Ouma.


“Musani ukulivula isango eliya esityeni sam, Lily!” Wayesoloko esitsho uMakhulu. “Ziya kungena iibhokhwe ziyitye yonke iminqathe yam, ikhaphetshu, ikholiflawwa kunye neembotyi zam; zitye yonke ibhitruthi yam, iitumata kunye nespinatshi sam. Nokuba sele kutheni na ningaze nilivule isango lesityeni sam.”







... OVER the fence ... Over the fence of Ouma's vegetable garden!  
 ... NGAPHAYA kocingo ... Ngaphaya kocingo olubiyele isitya semifuno kaMakhulu!



The dragon-fly flew up and ...

Ugqamanzi wabhabha wenyuka waya phezulu waya ...



... up and ...

... phezulu, esenyuka wada waya ...



"No veggies, Ouma?" asked Dad.

"No veggies tonight! *Someone* left the gate open!"

**"IT WAS ME!** I'm sorry, Ouma."

Ouma looked sad, Mum looked sad, Dad looked sad and Quinton looked sad, Jerome looked sad and Lily ... Lily was sad too!

"Ayikho na imifuno, Makhulu?" wabuza uTata.

"Asinayo imifuno ngokuhlwa nje! *Kukho umntu othile* oshiye isango engalivalanga!"

**"IBINDIM!** Uxolo, Makhulu."

UMakhulu wakhangeleka elusizi, uMama wakhangeleka elusizi, utata wakhangeleka elusizi, noQuinton wakhangeleka elusizi, uJerome wayelusizi noLily ... uLily naye wakhangeleka elusizi!



## Get story active!

Here are some ideas for sharing *It wasn't me!* with your children.

### Before

Talk to your children about making mistakes. Ask them to think of a time when they made a mistake that affected someone else.

- What was the mistake they made?
- How did they feel when they realised that they had made a mistake?
- What did they do next?
- What else could they have done?

### During

- Use expression in your voice as you read the different characters' words. For example, on page 13 shout out Lily's, "It was me!" in a loud voice and then use a very soft, slightly sad voice when she says, "I'm sorry, Ouma."
- In the beginning, Lily doesn't take responsibility for leaving the gate open and letting the goats into her Ouma's garden. Each time she says, "It wasn't me", the cloud above her head grows bigger. Draw your children's attention to this as you read the story together.



### After

Answer the questions below with your children.

- What mistake did Lily make?
- Why do you think Lily didn't say she was the one who had left the gate open when Ouma first asked?
- Why do you think the picture of the cloud above Lily's head gets bigger during the story and then "rains" on page 12?
- What do you think Lily learnt?
- Is it sometimes scary to own up if you've done something wrong? Why or why not?
- Is owning up the right thing to do? Why or why not?

## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcingane onokwabelana ngazo nabantwana bakho ngokuphathelele kwibali elithi, *Ibingendim!*

### Phambi kokufunda

Thetha nabantwana bakho malunga nokwenza iimpazamo. Bacele ukuba bacinge ngexesha abathi benza ngalo impazamo neyathi loo mpazamo yachaphazela omnye umntu.

- Yayiyintoni loo mpazamo bayenzayo?
- Baziva njani bakuqonda ukuba benze impazamo?
- Yintoni abayenzayo emva koko?
- Yintoni engenye ababenokuyenza?



### Ngexesha ufunda

- Ilizwi lakho malivakalise uvakalelo lo gama ufunda amazwi abalinganiswa abohlukileyo. Umzekelo, kwiphepha le-13 xa ufunda amazwi kaLily athi, "Ibingendim!" wakhwaze ngelizwi eliqolileyo uze usebenzise ilizwi elithethela phantsi nelivakalisa udano xa esithi, "Uxolo, Makhulu."
- Ekuqaleni, uLily akafuni kuluthatha uxanduva lokuba ushiye isango livulekile waze ngokwenza oko waba ungenisa iibhokhwe esitiyeni sikaMakhulu. Ngexesha ngalinye esithi, "Ibingendim", ilifu eliphezu kwentloko yakhe liya lisiba likhulu ngokuba likhulu. Tsalela umdla wabantwana bakho kweli lifu njengokuba nifunda ibali kunye nje.

### Emva kokufunda

Phendula le mibuzo ingezantsi nabantwana bakho.

- Wenza eyiphi impazamo uLily?
- Ucinga ukuba kutheni uLily engazange atsho kuqala ukuba nguyeyoshiye isango livulekile xa uMakhulu wayebuzisa okokuqala?
- Ucinga ukuba kutheni umfanekiso welifu eliphezu kwentloko kaLily usiba mkhulu apha phakathi ebalini kuze kude "kunethe" kwiphepha le-12?
- Ucinga ukuba uLily ufunde siphisi ifundo?
- Ingaba ngamanye amaxesha kuyoyikisa ukuthatha uxanduva xa wenze okungalunganga? Ucinga ukuba kutheni kunjalo okanye ucinga ukuba kutheni kungenjalo?
- Ingaba ukuthatha uxanduva lwento oyenzileyo kulungile? Kutheni ucinga ukuba kulungile okanye kutheni ucinga ukuba akulunganga?

## Collect the Nal'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

### About Josh

**Age:** 12

**Lives with:** his father and his aunt

**Speaks:** English, Afrikaans and a little Sesotho

**Enjoys:** anything to do with computers and cellphones; building and flying kites

**Enjoys reading:** teen stories on his cellphone, books about aeroplanes

**Likes to read aloud to:** Bella, Neo and Afrika

**When he grows up, he wants to be:** a pilot



## Qokelela abalinganiswa beNal'ibali

Sika ugcine bonke abalinganiswa beNal'ibali obathandayo uze ubasebenzisele ukwenza eyakho imifanekiso, iipowusta, amabali okanye nantoni na onokuthi ucinge ngayo!

### Okumalunga noJosh

**Ubudala:** iminyaka eli-12

**Uhlala:** notata wakhe nomakazi wakhe

**Uthetha:** isiNgesi, i-Afrikaans kunye neSesotho kancinane nje

**Wonwabela:** nantoni na enokwenza neekhompyutha kunye neeselula; kwakunye nokwenza kwanokubhabhisa ikayiti.

**Wonwabela ukufunda:** amabali abafikisayo kwiselula yakhe, iincwadi ezimalunga neenqwelomoya

**Uthanda ukufundela ngokuvakalayo:** uBella, uNeo kunye no-Afrika

**Xa ekhulile, ufuna ukuba:** ngumqhubi weenqwelomoya

## Story corner

Here is the first part of a well-known traditional story about how wanting more and more and more can destroy everything you already have! Enjoy reading it aloud or retelling it.

### The guinea fowl that laid golden eggs (Part 1)

Retold by Helen Brain

Once upon a time there was a very poor man called Mzi.

"The children are hungry, and we have no money to buy food," cried his wife, Pumla. "What are we going to do?"

"I will go hunting," said Mzi. "If I can catch some guinea fowl, then we will have a tasty meal." Off he set into the veld with his catapult and some small stones. Soon he came across a fat guinea fowl in a clearing in the long grass. Mzi took careful aim and was about to fire the catapult when ...

"Please don't shoot," squawked the guinea fowl. "I am a special bird. I can make you rich."

Mzi put down the catapult. "What do you mean?" he asked. "Can you really make me rich?"

"I lay golden eggs," said the guinea fowl. "If you promise not to kill me, I will lay an egg for you."

Mzi scooped up the bird and hurried home.

"Ah, dinner," exclaimed Pumla when he got home. "Kill the bird so I can put it in the pot."

"Oh no," said Mzi. "This isn't just any bird. This is a magic guinea fowl that lays golden eggs."

"You shouldn't believe everything you hear," laughed his wife. "Pass me the axe. I'll kill it myself."

The poor bird got a terrible fright. It clucked so hard that it laid an egg, right there on the doorstep! Pumla looked at the egg and blinked. She rubbed her eyes and looked again. The egg was definitely golden!

Carefully Mzi picked it up. "It's very heavy," he said. "It must be pure gold."

"Solid gold!" clucked the guinea fowl proudly.

"We are rich!" shouted Mzi.

"Can I go now?" asked the guinea fowl.

"Of course not," snapped Pumla, snatching the bird up and putting it in a cage. "You must stay here and lay more eggs."

Then Pumla and Mzi went off to the gold merchant. They sold the egg for lots of money – enough to buy food for a year and a new dress for Pumla. Mzi was very happy. His children had food, his wife had a new dress and he had a magic guinea fowl that laid golden eggs.

**What do you think will happen next? Will the guinea fowl lay more golden eggs? Find out next week!**



Illustration by Samantha van Riet  
Umfanekiso nguSamantha van Riet

## Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali lemveli elaziwa kakhulu elimalunga nendlela ukungoneli okunokutshabalalisa ngayo yonke into osele unayo! Yonwabela ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona.

### Impangele eyayizalela amaqanda egolide (Inxalenye 1)

Libaliswa kwakhona nguHelen Brain

Kudala-dala kwakukho indoda eyayihlupheka kakhulu egama layo yayinguMzi.

"Abantwana balambile, kwaye asinamali yokuthenga ukutya," walilisela ngelitshoyo umfazi wakhe uPumla. "Siza kwenza njani?"

"Ndiza kuya kuzingela," utshilo uMzi. "Ukuba ndinokubamba impangele, siza kuba nokutya okumnandi." Watsho ehamba esiya ethafeni, ephethe isilingi sakhe namatjana amancinane. Kungekudala wahlangana nempangele etyebileyo kwindawo elibala ephakathi kwengca ende. UMzi wajolisa ngobunono kwaye wayesele elungele ukudubula xa ...

"Nceda ungandibuli," yatsho ikhala impangele. "Ndiyintaka ekhethekileyo. Ndingakwenza ube sisityebi."

UMzi wasibeka phantsi isilingi sakhe. "Uthetha ukuthini?" wabuza. "Ungandenza ndibe sisityebi ngokwenene?"

"Ndizalela amaqanda egolide," yatsho impangele. "Ukuba uyathembisa ukuba awusayi kundibulala, ndakukuzalelela iqanda legolide."

UMzi wayithi hlasi le ntaka waza waxhina ukugoduka.

"Aha, isidlo sangokuhlwa," watsho ngemincili uPumla ukufika kukaMzi. "Yibulale intaka leyo ukuze ndiyipheke."

"Owu hayi," watsho uMzi. "Le asiyontaka nje. Le yimpangele yomlingo ezalela amaqanda egolide."

"Akufuneki ukuba ukholelwe yiyo yonke nje into oyivayo," wahleka ngelitshoyo umfazi wakhe. "Khawundigqithisele izembe. Ndiza kuyibulala ngokwam."

Usizana lwentaka loyika kakhulu. Yakokoza kakhulu kangangokuba yade yazalela iqanda, kanye apho emnyango! UPumla wajonga iqanda waze waqhwayaqhwayaza. Watyikitya amehlo akhe waphinda waqwalasela kwakhona. Iqanda eli ngokwenene yayilegolide!

Ngononophelo uMzi walithatha. "Linzima kakhulu," utshilo. "Ngokuqinisekileyo yigolide esulungekileyo."

"Igolide yokwenene!" yakokoza yatsho impangele ngokuzingca.

"Sizityebi!" wakhwaza ngovuyo uMzi.

"Ndingahamba ke ngoku? yabuza impangele.

"Hayi, ngeke," watsho ngomsindo uPumla, esithi nqaku loo ntaka eyifaka ehokweni. "Kufuneka uhlale apha ubeke amanye amaqanda."

Emva koko uPumla noMzi baya kumthengi wegolide. Balihengisa iqanda elo baza bafumana imali eninzi – eyonele ukuba bathenge ukutya konyaka wonke nelokhwe entsha kaPumla. UMzi wonwaba kakhulu. Abantwana bakhe babenokutya, umfazi wakhe enelokhwe entsha kwaye wayenempangele yomlingo ezalela amaqanda egolide.

**Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni ngokulandelayo? Ingaba impangele iza kuzalela amanye amaqanda egolide? Funda kwiveki ezayo, uzivele!**

### In your next Nal'ibali supplement:

- Making up stories with your children
- A cut-out-and-keep book, *Tuft and Patch play games*
- Reading Club corner: Days to celebrate in September
- The final part of the Story Corner story, *The guinea fowl that laid golden eggs*

Have you tried our Nal'ibali ringtone and wallpapers yet? Give your phone a literacy makeover and show your support of reading for enjoyment by going to [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) for a range of downloads for your phone.



Find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sifumane ku-Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

### Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukuqamba amabali kunye nabantwana bakho
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine, *UTuft noPatch badlala imidlalo*
- Ikona yeklabhu yokufunda: lintsuku zokubhiyozelwa kweyoMsintsi
- Inxalenye yokugqibela yebali leNdawo yamaBali elisihloko sithi, *Impangele eyayizalela amaqanda egolide*

Ingaba ukhe wazizama iingonyana zokukhala kweselula kwanemifanekiso yobuso beselula zikaNal'ibali? Khawuhombise ngokutsha ifoni yakho ngelitheresi ze ubonakalise inkxaso yakho yokufundela ukuzonwabisa ngokundwendwela u-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) apho uya kufumana khona intlaninge yezinto onokuzikopela kwiselula yakho.

